**IMIYALELO:**

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo A noMNYE kwiCandelo B, ukuze ibe MIBINI kwiCandelo C.

   ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

   Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho ozinikileyo.

   Bhala cacileyo nacocekileyo ukuze kube lula ukukorekisha umsebenzi wakho.

   Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

   UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esili-100 – 150 amagama.

   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama-80 – 100 (umxholo kuphela) amagama.

   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 60 – 80 amagama.

**ICANDELO A**

**ISINCOKO**

**UMBUZO 1**

Ubukho kumtshato owaqhuba kwema izikolo kwingingqi ohlala kuyo. Ngosiba lwakho bhala ibali, ubeke elubala konke okwathi kwaqhubeka kuloo mtshato ukusuka ekuqaleni ukuya ekupheleni kwawo. Isihloko seli bali masiyilwe nguwe. **[40]**

**OKANYE**

Njengomfundi webanga le-10, uphumelele emagqabini kwiimviwo zenyanga kaJuni wade wathiwa jize ngebhaso lobuntshatsheli. Yila isihloko esifanelekileyo, wakugqiba ubhale isincoko uchaze onke amanqwanqwa owahambileyo nezixhobo ozisebenzisileyo ukuze uzuze le mpumelelo. **[40]**

## ICANDELO B

## IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Unengxaki yokungabi nazo iincwadi zoncwadi lwesiXhosa. Bhalela umzi wakwaNasou Via Afrika, ucele ukuba uthunyelelwe iincwadi ezintlanu zoncwadi zebanga 10. Velela zonke iinkcukacha ngezi ncwadi. **[20]**

**OKANYE**

Konyulwe wena ukuba uye kumela abafundi bebanga ofunda kulo kumsitho wonikezelo mabhaso kubafundi abaphumelele ezinkwenkwezini bebanga 12. **Nika ingxelo** ngalo msitho kubafundi bebanga lakho. **[20]**

## ICANDELO C

## IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Njengoko ufunda izifundo zokupheka kwisikolo sakho, nceda ubhalele udadobawo wakho umyalelo wokubhakwa kwekeyiki. Kumyalelo wakho mazivele zonke iinkcukacha kunye nemilinganiselo.



**[10]**

**UMBUZO 4**

Kwibandla lakho ninenkomfa yolutsha. NjengoNobhala wolutsha, yila ikhadi umeme ulutsha lweecawe ezikufutshane kule yakho. **[10]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Copyright reserved